

# IManyuwali yePAIA yeYunivesithi yaseStellenbosch equlunqwe ngokwemiqathango yecandelo 14 loMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, uMthetho wesi2 ka2000 (ngokokuhlonyelwa kwawo) ("PAIA")

---

## 1. Uluhlu lweZifinyezo neZishunqulelo

- |                    |   |
|--------------------|---|
| 1.1. "DIO"         | Deputy Information Officer (ISekela Gosa leNgcaciso;  |
| 1.2. "IO"          | Information Officer (IGosa leNgcaciso);   |
| 1.3. "UMphathiswa" | UMphathiswa wezoBulungisa neeNkonzo zoLuleko;   |
| 1.4. "PAIA"        | Promotion of Access to Information Act No. 2 of 2000 (as Amended (Mthetho wokuKhuthazwa koFikelelo lweNgcaciso, onguNombolo 4 ka2000 (ngokokuHlonyelwa kwawo);          |
| 1.5. "POPIA"       | Protection of Personal Information Act No.4 of 2013 (as Amended) (UMthetho wokuKhusela iNgcaciso engoMntu Buqu, uMthetho onguNombolo 4 ka2013 (ngokokuHlonyelwa kwawo); |
| 1.6. "Imigaqo"     | IMigaqo eNxulumene nokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, 2021   |
| 1.7. "UMLawuli"    | UMLawuli weNgcaciso (waseMzantsi Afrika).   |
| 1.8. "I-SU"        | IYunivesithi yaseStellenbosch   |

## 2. Isizathu sokubakho kwale manyuwali yePAIA

Le manywali yePAIA iluncedo kuluntu khon' ukuze-

- 2.1. lube nokukhangela uhlobo lweerekodi ezisenokuba sele zifumaneka eSU, ngaphandle kwemfuneko yokufaka isicelo sePAIA;ngokusesikweni;
- 2.2. lube nokuyiqonda indlela yokufaka isicelo sokufikelela kwiirekhodi zaseSU;

- 2.3. lube nokufikelela kuzo zonke iinkcukacha zoqhagamshelwano ezifanelekileyo zabantu abaza kunceda uluntu ngeerekhodi abajonge ukufikelela kuzo;
- 2.4. lube nokuzazi zonke izisombululo ezifumanekayo kwiSU malunga nesicelo sokufikelela kwiirekhodi, phambi kokuba luye kuMlawuli okanye kwiiNkundla;
- 2.5. kubeko inkcazo yeenkonzo ezinokufunyanwa luluntu ezivela eSU, kunye nendlela yokufikelela kwezo nkonz;
- 2.6. inkcazo ecacisa indlela esetyenziswa ngayo iPAIA, njengoko ihlaziywe nguMlawuli kunye nendlela yokufumana ukufikelela kuyo;
- 2.7. ukuba iqumrhu elo lifuna ukusebenza ingcaciso ngomntu buqu nokuchaza iindidi zabaninidatha kunye nengcaciso okanye iindidi zengcaciso enxulumene noko;
- 2.8. bazi ukuba ngaba iSU ikucwangcisile na ukudlulisela okanye ukuseta iinkcukacha zomntu buqu ngaphandle kweRiphabhliki yoMzantsi Afrika kunye nabamkeli okanye iindidi zabamkeli ekunokuthi kunizelwe kubo iinkcukacha zomntu buqu; kwaye;
- 2.9. bazi ukuba iSU inamanyathelo okhuseleko afanelekileyo okuqinisekisa ubumfihlo, imfezeko kunye nokufumaneka ingcaciso yomntu buqu eza kuqwalaselwa.

### 3. Ukusekwa kweYunivesithi yaseStellenbosch


#### 3.1. linjongo / Ugunyaziso

Stellenbosch University is a public university with its main campus situated in Stellenbosch, Western Cape, South Africa, functioning in terms of the Higher Education Act 101 of 1997 and the University's Institutional Statute 2019 which is available at IYunivesithi yaseStellenbosch yiyunivesithi yoluntu enekhampasi yayo enku eStellenbosch, kwiNtshona Koloni, eMzantsi Afrika, eseenza ngokoMthetho weMfundu ePhakamileyo we101 ka1997 kunye noMthetho wobuZiko baleYunivesithi wowama2019 ofumaneka ku-[www.sun.ac.za/english/management/statute](http://www.sun.ac.za/english/management/statute).

### 4. Isakheko seYunivesithi yaseStellenbosch

#### 4.1. Isakheko

I-SU ilawulwa liBhunga, elinamagunya noxanduva kunye nemisebenzi ecaciswe kuMthetho weMfundu ePhakamileyo we101 ka1997 kunye noMthetho weZiko leYunivesithi wowama2019.



## 4.2. Umsebenzi

I-SU:

- iqhutywa ziinqobo ezsengangathweni eziphantsi koMgaqosiseko, ingakumbi isidima somntu, ukulingana, nenkululeko;
- ilandela imfezeko ezifundweni, inkululeko yezemfundo nenkululeko yophando lwezenzululwazi, uxanduva, ukuphendula, ukuziphatha kakuhle, ubulungisa, nokungafihli;
- ikhuthaza umanyano kwiyantlukwano ngokukhuthaza ukunyamezelana nokuhlonitshwa kanye neenkubo zeenkolelo ukuqinisekisa indawo efanelekileyo yokufundisa nokufunda, ukusungula izinto ezintsha, uphando kanye nothethathethwano noluntu;
- izibophelele ekubeni yiYunivesithi yaseAfrika evuniweyo kwihiabathi, ephawuleka ngokubanezifundiswa eziphume izandla, ngokugqwesa ezifundweni, ukuphendula eluntwini, kanye nokukhathalela abasebenzi nabafundi;
- ijolise ekuncedeni uluntu ngokugqwesa ekufundeni nasekufundiseni okutsha, kanye nophando lobuvulindlela;
- izibophelele kupuhliso loluhlu olubanzi lweenkubo zemfundo, zobungcali, umsebenzi wezandla, kanye neenkubo jikelele ezijongana neemfuno zoluntu; kananjalo
- isabela kwintlalontle yabasebenzi bayo, abafundi kanye noluntu ngokubanzi ngothethathethwano olugqibeleyo, ukuxhotyiswa ngezakhono kanye nezenzo zolawulo oluvakalayo.
- ijolise ekuncedeni uluntu ngokugqwesa ekufundeni nasekufundiseni okutsha, kanye nophando lobuvulindlela;
- izibophelele kupuhliso loluhlu olubanzi lweenkubo zemfundo, zobungcali, umsebenzi wezandla, kanye neenkubo jikelele ezijongana neemfuno zoluntu; kwaye
- isabela kwintlalo-ntle yabasebenzi bayo, abafundi kanye noluntu ngokubanzi ngothethathethwano olugqibeleyo, ukuxhotyiswa ngezakhono kanye nezenzo zolawulo oluvakalayo.

## 5. linkcukacha zoqhagamshelwano zokufikelela kwingcaciso eSU

### 5.1. IGosa leNgcaciso

URekhtha noSekela Tshansela wethu bangamaGosa eNgcaciso ethu:

**Igama:** Unjingalwazi WJS (Wim) de Villiers

Umnxeba: +27 21 808 4490  
I-imyili: [paia@sun.ac.za](mailto:paia@sun.ac.za)

### 5.2. I(Ama)Sekela Gosa leNgcaciso

URekhtha noSekela Tshansela wethu utyumbe eli(la) sekela(masekela) gosa le(e)ngcaciso li(a)landelayo:

Igama: Jerall Toi  
Umnxeba: +27 21 808 4139  
I-imyili: [paia@sun.ac.za](mailto:paia@sun.ac.za)

### 5.3. linkcukacha zokuqhagamshelanelu ufilelelo kwincaciso

Iimyili: [info@sun.ac.za](mailto:info@sun.ac.za)

### 5.4. IOfisi eliKomkhulu

Idilesi yeposi: Private Bag X1, Matieland, 7602, South Africa  
Idilesi yendawo: Administration B Building, Victoria Street, Stellenbosch, 7600  
Umnxeba: +27 21 808 9111  
I-imyili: [info@sun.ac.za](mailto:info@sun.ac.za)  
Iwebhusayithi: [www.sun.ac.za](http://www.sun.ac.za)

## 6. Inkazo ngazo zonke izisombulo ezikhoyo ngokubhekiselele ekwenzeni nasekusileleni ukwenza kweSU

### 6.1. Ungabhenena ngayo nayiphi na kwezi zilandelayo:

- ukwala kwethu ukukunika ufilelelo kwirekhodi;
- imirhumo yofilele esiyibizayo;
- isigqibo sethu sokolula iintsuku ezingama3o zokuphendula isicelo sakho; kunye(okanye
- indlela ekunikezelwe ngayo ukufilela.

### 6.2. Ungabhenela nayiphi na into kwezi zilandelayo:

- kufuneka ufake isibheno sangaphakathi ngokugcwala iFomu engu4
- kufuneka uhambise okanye uthumele iFomu engu4 kwidilesi okanye idilesi yeimeyle yesekelagosa lengcaciso (jonga kumhlathi 2.2 ngasentla) kwiintsuku ezingama6o emva kokuba ufumene isaziso sesiggqibo;

- kufuneka uchaze umxholo wesibheno kwaye uchaze izizathu zesibheno, kananjalo ungabandakanya nayiphi na enye ingcaciso efanelekileyo;
- kufuneka uhlawule umrhumo omiselweyo wesibheno (sisenokufuna ukuba uhlawule idipozithi phambi kokuba sisebenze isicelo sakho); kananjalo
- kufuneka uchaze idilesi yeposi okanye idilesi yeimeyile ukuze uthunyelelwe isigqibo.

6.3. Isibheno sangaphakathi siya kuchotshelwa liGosa eliyiNtloko lezeMisebenzi yeYunivesithi.

6.4. Ukuba isibheno sakho sangaphakathi asiphumelelanga, unokuthatha amanyathelo anjengoko kuchaziwe kwicandelo lama74 ukuya kwelama82 loMthetho wePAIA. Oku kukuvumela ukuba:

- **ukwazi** ukukhalaza ngesigqibo sethu kuMlawuli weNgcaciso; kwaye
- ukwazi ukufaka isicelo enkundleni emva kokulandela inkqubo yangaphakathi yesibheno

## 7. Isikhokelo malunga nendlela yokusebenzisa iPAIA kune nendlela yokufumana ufikelelo kwisikhokelo

7.1. UMLawuli, ngokwecandelo 10(1) lePAIA, uye wahlaziya waza wenza ukuba kufumanek iSikhokelo esihlaziyiweyo sendlela yokusebenzisa iPAIA ("iSikhokelo"), ngendlela eqondakala lula njengoko kunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu unqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elixelwe kwiPAIA nakwiPOPIA.

7.2. Eso Sikhokelo sifumaneka ngolwimi ngalunye kwiilwimi zasemthethweni.

7.3. Esi siKhokelo sikhankanywe ngasentla siqulathe inkcazo-

7.3.1. yeenjongo zePAIA nePOPIA;

7.3.2. idilesi yeposi neyesitalato, inombolo yomnxeba neyefeksi kananjalo, ukuba ikhona, idilesi yeimeyile yeelektroniki yo-

7.3.2.1. yeGosa lengcaciso lequmrhu loluntu ngalunye; kananjalo

7.3.2.2. nawo wonke amaSekela eGosa leNgcaciso kuwo onke amaqumrhu karhulumente nawabucala atyunjwe ngokwecandelo 17(1) lePAIA kune necandelo lama56 lePOPIA<sup>1</sup>;

<sup>1</sup> ICandelo 56(a) lePOPIA- Iziko ngalinye likarhulumente nelabucala kufuneka lenze amalungiselelo, ngendlela echazwe kwicandelo le17 loMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, kune

7.3.3. indlela kune nohlobo l'wesicelo -

7.3.3.1. sokufikelela kwirekhodi yequmrhu loluntu elikhankanywe kwicandelo 11; kananjalo

7.3.3.2. nokufikelela kwiirekhodi zequmrhu labucala elikhankanywe kwicandelo 50<sup>2</sup>;

7.3.4. uncedo olufumaneka kwiGosa leNgcaciso ngokwe-PAIA nePOPIA

7.3.5. uncedo olufumaneka kuMlawuli ngokwe-PAIA nePOPIA;

7.3.6. zonke izisombululo ezikhoyo emthethweni malunga nesenzo okanye ukusilela ukwenza ngokubhekiselele kwilungelo okanye umsebenzi onikwe okanye obekwe yiPAIA nePOPIA, kubandakanywa nendlela yokufaka-

7.3.6.1. isibheno sangaphakathi;

7.3.6.2. isikhhalazo kuMlawuli; kananjalo

nesicelo enkundleni ngokuchasene nesigqibo segosa lengcaciso lequmrhu loluntu, isigqibo sesibheno sangaphakathi okanye isigqibo soMlawuli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala;

7.3.7. imimiselo yecandelo le14 nelama51 ifuna ukuba iqumrhu likarhulumente kune nequmrhu labucala, ngokulandeelanayo, liqulunqe imanyuwali, nendlela yokufumana ufikelelo kwimanyuwali;

7.3.8. imimiselo yecandelo le15 nelama52 ibonelela ngokubhengezwa ngokuzithandela kweendidi zeerekhodi liqumrhu likarhulumente nequmrhu labucala, ngokulandeelanayo;

7.3.9. izaziso ezikhutshwe ngokwemigaqo yecandelo lama22 nelama54 malunga nemirhumo emayihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kananjalo

---

notshintsho oluyimfuneko, ukwenzela ukutyunjwa kwenani elo labantu, ukuba kukho nawuphi na umntu,, njengosekela magosa engcaciso njengoko kuyimfuneko ukwenza imisebenzi kune nokubanoxanduva njengoko kuchazwe kwicandelo 55(1) lePOPIA.

<sup>2</sup> ICandelo 50(1) lePAIA- Umceli kufuneka avunyelwe ukufikelela kuyo nayiphi na irekhodi yequmrhu labucala ukuba-

- a) loo rekhodi iyafuneka ekusebenziseni okanye ekukhuseleni nawaphi na amalungelo;
- b) loo mntu uthobela iimfuno zenkqubo yePAIA ngokunxulumene nesicelo sokufikelela kuloo rekhodi; kananjalo
- c) ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwa ngokwemiqathango yaso nasiphi na isizathu sokwala esixelwe kwiSahluko sesi4 sesi Sigaba.

7.3.10. nemimiselo eyenziwe ngokwecandelo lamag<sup>3</sup>.

7.4. Uluntu lunokuhlola okanye lwenze iikopi zeSikhokelo kwiifisi zikawonkewonke okanye zabucala, kubandakanywa neofisi yoMlawuli, ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza. IsiKhokelo sinokufumaneka-

7.4.1. ngesicelo esifikwe kwiGosa leNgcaciso;

7.4.2. kwiwebhusayithi yoMlawuli:

<https://inforegulator.org.za/paia-guidelines/>

## 8. Inkcazelo yemibandela apho iqumrhu ligcina khona iierekhodi kune neeNdidi zeerekhodi ezigcinwe yiSU

Imixholo elineerekhodi zayo	iqumrhu	lindidi zeerekhodi ezimalunga nomxolo ngamnye
Amaxwebhu aphambili		IMithetho yeYunivesithi, iingxelo zonyaka, isicwangciso esiphambili
Irerekhodi zamaquamrhu olawulo lwangaphakathi		lirekhodi eziveliswe liBhunga, yiSineyithi, ziibhodi zeefakhalthi, yiForam yoBuziko, liBhunga eliMele aBafundi neekomiti zale Yunivesithi
lirekhodi ezinxulemene nolawulo		IMigaqonkqubo, imigaqo, imigaqosiseko, imimiselo yokubhekisa, iincwadi zonyaka
lirekhodi ezinxulumene zobuziko nokuqhutywa komsebenzi		lirekhodi zezimali, iingxelo, iikhontrakthi neerejista zeeasethi
lirekhodi zomfundu ngamnye		Khangela kwicandelo12.2 lale manyuwali
lirekhodi zomsebenzi ngamnye		Khangela kwicandelo12.2 lale manyuwali
lirekhodi ezinxulumene nophando		lingxelo zophando, ezezululwazi nezobugcisa, iimpapasho, iithisisi needizetheyishini
lirekhodi zomthathinxaxheba kuphando ngamnye		Khangela kwicandelo12.2 lale manyuwali

<sup>3</sup> ICandelo lamag<sup>2</sup>(1) lePAIA lithi- "UMphathiswa unokuthi, ngesaziso kwiGazethi, enze imigaqo emalunga-

- (a) nawuphi na umcimbi ofunekayo okanye ovunyelwa ngulo Mthetho ukuba umiselwe;
- (b) nawuphi na umcimbi onxulumene nemirhumo ekhankanywe kwicandelo lamag<sup>2</sup> nelama<sup>54</sup>;
- (c) nasiphi na isaziso esifunwa ngulo Mthetho;
- (d) imigaqo efanayo emayisetyenziswe ligosa lengcaciso lequmrhu likarhulumente xa lisenza isigqibo sokuba zeziphi iindidi zeerekhodi ekufuneka zifumanene ngokwecandelo le<sup>15</sup>; kananjalo
- (e) nawuphi na umcimbi wolawulo okanye wenkqubo oyimfuneko ukuze kuphunyezwe okumiselwa ngulo Mthetho.

## 9. Iindidi zeerekhodi zaseSU ezifumaneka ngaphandle kokucela ukufikelela kuzo

Udidi	Uhlobo loxwebhu	Lukhona kwiwebhusayithi	Lufumaneka ngokucelwa
Amaxwebhuqhinga	Umthetho weyunivesithi, ingxelo yonyaka, isicwangciso esiphambili,	X	X
lirekhodi ezinxulumene nolawlo lweziko	Imigaqonkqubo, imigaqo, imiqathango yokubhekisa yamaqumrhu angaphakathi	X	X
lirekhodi ezikuvimba	lirekhodi zolawulo lwamaqumrhu angaphakathi; iirekhodi ezinembali ebalulekileyo		X
lirekhodi ezinxulumene nophando	lithisisi needizetheyishini	X	X
Imipapasho	lincwadana, iibhuletini, iingxelo, izigidimi zeendaba, iiphampflethi	X	X
Amajelo eendaba	lindaba ezikhutshiwe kumaphephandaba, iingxelo eziya kumajelo eendaba	X	X

## 10. Iinkonzo ezinokufunyanwa luluntu kwiSU nendlela yokuzifikelela ezo nkonz

### 10.1. Amagunya, imisebenzi enyanzelekileyo, imisebenzi

I-SU yiyunivesithi yoluntu eseenza ngokoMthetho weMfundu ePhakamileyo we101 ka1997 kune noMthetho weZiko leYunivesithi 2019. Ukwamkelwa kwiSU kulawulwa ngumgaqonkqubo wokwamkelwa kweSU, ofumaneka kwiwebhusayithi yeYunivesithi: <https://www.sun.ac.za/english/maties/Pages/Admissions-Requirements.aspx>.

### 11. Ukubandakanyeka koluntu kuqulunqo lomgaqonkqubo okanye ekusebenziseni amagunya okanye ukwenziwa kwemisebenzi yiSU

Abafundi nabasebenzi banokuthatha inxaxheba ekuqulunqeni imigaqonkqubo nasekuthatheni iziggibo kwiYunivesithi njengoko kulawulwa nguMthetho weMfundu ePhakamileyo we101 ka1997, ngokokuhlonylewa kwawo, neenkqubo zangaphakathi ekuvunyelwene ngazo kumaxesha ngamaxesha namaqumrhu amele le Yunivesithi.

Amanye amaqela anomdla anokungenisa izimvo kune neengcebiso ngokubhaliwego ngexesha lokubonisana noluntu amathuba okuhlomla kumaxwebhu omgaqonkqubo osayilwayo.

## 12. Ukusetyenzwa kwengcaciso yomntu buqu

### 12.1. Isizathu sokuyisebenza

Ingcaciso engomntu yiyo nayiphi na ingcaciso enxulumene nomntu ophilayo obonakalayo okanye umntu okhoyo ngokusemthethweni. I-SU iqokelela kwaye isebebenzisa ingcaciso yomntu buqu ukubonelela ngeemveliso kune neenkonzo zeYunivesithi, kune nokulawula iziko. Ingcaciso ethe vetshe malunga nendlela esiyisebenzisa ngayo ingcaciso yomntu buqu inokufumaneka kumgaqo wabucala weSU ophaya ku: [www.sun.ac.za/privacy](http://www.sun.ac.za/privacy).

I-SU isebebenza ingcaciso yomntu buqu ukuququzelela:

- 12.1.1. izicelo zabafundi, ukwamkelwa, kune neolawulo;
- 12.1.2. izicelo zabasebenzi nolawulo lwabo;
- 12.1.3. ukuthatha inxaxheba kuphando nakulawulo lwedatha yophando;
- 12.1.4. iinkqubo zokuthenga;
- 12.1.5. ukutyelela kwizakhiwo zeSU okanye imisitho;
- 12.1.6. ukuthotyelwa kweminye imithetho efanelekileyo.

I-SU

### 12.2. Inkcazo yeendidi zabaninidatha kune nengcacisookanye iindidi zolwazi olunxulumene noko

<b>iindidi zabaninidatha</b>	<b>Ingaciso yomntu buqu enokusetyenzwa</b>
Abafundi	Amagama kune nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano, isazisi esisodwa okanye inombolo yesazisi, imbalelwano eyimfiho, iinkcukacha zemfundo, iinkcukacha zemali, iinkcukacha zengqesho, uhlanga, isini, isini, ukuziphatha kolwaphulomthetho, iinkcukacha ngezempi, iinkcukacha zebhayometriki, iinkcukacha zezalamane.
Abasebenzi	Amagama kune nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano, isazisi esisodwa okanye inombolo yesazisi, imbalelwano eyimfiho, iinkcukacha zemfundo, iinkcukacha zemali, iinkcukacha zengqesho, uhlanga, isini, isini, ukuziphatha kolwaphulo-mthetho, iinkcukacha ngezempi, iinkcukacha zebhayometriki, iinkcukacha zezalamane.
Abathathinxaxheba kuphando	Amagama kune nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano, isazisi esisodwa okanye inombolo yesazisi, imbalelwano eyimfiho, kune nenye ingcaciso engomntu buqu njengoko ifunwa

<b>lindidi zabaninidatha</b>	<b>Ingaciso yomntu buqu enokusetyenzwa</b>
	ngokusekelwe kubume bentathonxaxheba yophando.
Abanye abantu ngokwendalo	Amagama kunye nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano, isazisi esisodwa okanye inombolo yesazisi, kunye nembalelwano eyimfihlo.
Aamaqumrhu ngokomthetho	Amagama kunye nefani yabantu ekuqhagamshelwana nabo; igama lequmrhu elisemthethweni; linkcukacha zoqhakamshelwano; inombolo yobhaliso; ingcaciso ngezezimali, ezorhwebo, enzululwazi, okanye ezobugcisa kunye neemfihlo zorhwebo.

12.3. Abamkeli okanye iindidi zabamkeli apho kunokubonelelwa ngengaciso engomntu ubuqu.

<b>lindidi zengcaciso engomntu ubuqu</b>	<b>Abamkeli okanye iindidi zabamkeli</b>
Imiqathango yokunika ingxelo ezisemthethweni zomfundu kunye nengcaciso engabasebenzi	Department of Higher Education and Training;
Ukuqinisekiswa kwekhwalifikheyishini, ingcaciso efunekayo ekuhlolweni kwemvelaphi	IGunyabantu lemiGangathomfundo yaseMzantsi Afrika: Ababoneleli ngeenkonzo zokuhlolola imvelaphi
Ingcaciso engomntu buqu eyimfuneko xa kuhanjiswa iinkonzo apho iSU ixhaswa ngumboneleli ngenkonzo	Kubandakanya ababonelelinkonzo ababonelela ngezi nkonzozilandelayo kwiSU:kunye nophando lobuvulindlela;: <ul style="list-style-type: none"> <li>• linkonzo zelICT;</li> <li>• linkonzo zophando nophicotanzincwadi;</li> <li>• Ulawulo lwengxowa-mali yesiBonelelo; kwaye</li> <li>• Ulawulo loncedo lwezonyango.</li> </ul>
Ingcaciso ngomntu buqu eyimfuneko njengoko ifunwa ngomnye umthetho	Kubandakanya ukunika ingcaciso kwiarhente zogcinomthetho ukulungiselela uphando lolwaphulomthetho.

12.4. Ukuhamba okucwangcisiwego okunqumla imida yengcaciso ngomntu buqu

- 12.4.1. I-SU inokudlulisela iinkcukacha ezithile zomntu buqu kubaboneleli ngeenkonzo zelICT abakwiEuropean Union ukuquuzelela ubonelelo ngeenkonzo zelICT kubasebenzi nakubafundi. Lonke olo tshintshelo lulawulwa yimigaqonkqubo enxulumene nelICT kunye nogqithiso lwedatha olufanelekileyo kunye nezivumelwano zomgangatho wenkonzo.
- 12.4.2. Naluphi na olunye udluliselo lwengcaciso ngomntu ewela umda luya kuba nemvume yomnidatha. Nangona kunjalo, ukuba ayinakwenzeka ngokufanelekileyo ukufumana imvume yomnidatha, i-SU iya kuyidlulisela ingcaciso engomntu buqu ukuba -

- 12.4.2.1. iya kuba yinzozo yomninidatha; kwaye
- 12.4.2.2. umnindatha ebenokunika imvume ukuba bekunokwenzeka ngokufanelekileyo ukufumana loo mvume

12.5. Inkazo ngokubanzi yamanyathelo okhuseleko lwengcaciso oluza kuphunyezwa liqela elinoxanduva lokuqinisekisa ubumfihlo, imfezeko kunye nokufumaneka kolwazi

12.5.1. I-SU ithe gqolo ukuseka, igcina, kwaye ibeka iliso kumanyathelo ombutho afanelekileyo, obuchule ukuthintela –

- 12.5.1.1. ilahleko, umonakalo, okanye ukutshatyalaliswa okungagunyaziswanga kwengcaciso engomntu buqu; kananjalo
- 12.5.1.2. nokufikelela ngokungekhomthethweni okanye ukusetyenzwa kwengcaciso engomntu

12.5.2. I-SU ithathe amanyathelo afanelekileyo, njengoko equlethwe kumhlathi  
 12.5.3 apha ngezantsi, ukuze –

- 12.5.2.1. ichonge kuchongwe yonke imingcipheko elindelekileyo yangaphakathi neyangaphandle kwingcaciso engomntu buqu ekulo okanye ephantsi kolawulo lwayo;
- 12.5.2.2. ukuseka nokugcina izikhuelo ezifanelekileyo ngokuchasene nemingcipheko echongiwego;
- 12.5.2.3. ukuqinisekisa rhoqo ukuba izikhuelo ziphunyezwa ngokufanelekileyo; kananjalo
- 12.5.2.4. kuqinisekiswe ukuba izikhuelo zihlaziya rhoqo ukuphendula imingcipheko emitsha okanye iiintsilelo kukhuseleko obeliphunyeziwego ngaphambili.

12.5.3. Amanyathelo athathwe yiSU abandakanya, phakathi kwezinye –

- 12.5.3.1. Ulawulo lofikelelo;
- 12.5.3.2. Uguqulelo oluntsonkothileyo lwedatha;
- 12.5.3.3. Ukubekw' esweni okumandla, uphicothozincwadi, kunye nezakhono zokunika ingxelo
- 12.5.3.4. Data backups, business continuity, and IT disaster recovery good practices; Ukugcinwa kwedatha, ukuqhubeka kweshishini, kunye nezenzo ezelungileyo zokuvuselela iT emva kwentlekele;
- 12.5.3.5. Izisombululo ze-Anti-virus kunye ne-anti-malware;

- 12.5.3.6. Amaphulo oeqeqesho nokwazisa abafundi ngabasebenzi nabafundi; kananjalo
- 12.5.3.7. nezivumelwano ziqukunjelwa nababoneleli ngeenkonzo ukuphumeza ulawulo lokhuseleko.

### 13. Ukufumaneka kwale manyuwali

13.1. Le manywali ifumaneka ngezi lwimi zintathu zasemthethweni zilandelayo -

- 13.1.1. IsiNgesi;
- 13.1.2. isiAfrikaans;
- 13.1.3. nesiXhosa.

13.2. Ikoppi yale manyuwali okanye inguqulelo ehlaziywego yayo, nayo iyafumaneka ngolu hlobo lulandelayo--

- 13.2.1. ku: [www.sun.ac.za/paia](http://www.sun.ac.za/paia) and [www.sun.ac.za/wbti](http://www.sun.ac.za/wbti);
- 13.2.2. kwikomkhulu leSU ukuze ihlolwe nguwonkewonke ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza;
- 13.2.3. kuye nawuphi na umntu ngesicelo naxa kuhlawulwe umrhumo omiselwego ofanelekileyo; kananjalo
- 13.2.4. nakuMlawuli weNgcaciso ngesicelo.

13.3. Umrhumo wekopi yemanyuwali, njengoko kuchazwe kwisihlomelo B seMigaqo, uya kuhlawulwa ngokwefotokopi nganye yobukhulu obuyiA4 eyenziwego.

### 14. Uhlaziyo lwemanyuwali

I-SU iya kuthi, ukuba kuyimfuneko, ihlaziye kwaye ipapashe le manywali rhoqo ngonyaka lkhutshwe

**nguRekhtha neSekela Tshansela**

## 15. Ingcaciso engolawulo lwemanywali

Inombolo yoxwebhu	yokubhekisa	MAN-001-2016
Uhlobo loxwebhu	Imanyuwali esemthetheni	
Ufikeleleko	Kuwonkewonke	
Umhla wosungulo	18/12/2023	
Amatyeli ohlaziyo	Rhoqo ngonyaka	
Uhlaziyo lwangaphambili	2016, 2018, 2019, 2020, 2021, 2022	
Umnini wale manyuwali	ISekela Tshansela noRekhtha	
Onoxanduva ngale manyuwali	ISekela Mlawuli: uMgaqonqubo weNgcaciso	
Umhla wokuhunyezwa	24/11/2023	
Iphunyezwe	nguRekhtha	